Isalathiso: 20200518-6190
Inombolo yefayili: 3/3/2/3
Imibuzo: KwiZiko leeFoni

**INGCACISO EMFUTSHANE YECANDELO LOKUGAYA NOKUKHETHA ABASEBENZI :0001/2020**

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

**Isihloko: Ukuqeshwa kootitshala ababambeleyo kumaziko ngokunxulumene nobhubhane we-*COVID*-19**

1. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuGaya nokuKhetha aBasebenzi 0002/2016 (Ukuqeshwa kootitshala ababambeleyo ukwenzela amathuba amafushane kumaziko emfundo).

2. Ukuqinisekisa ukwenziwa kwenkonzo ngokuqhubekekayo ngexesha lokubhengezwa kwemeko yentlekele, kazwelonke, ngenxa yokuqhambuka kukabhubhane we-*COVID*-19, eyaziwa nangokuba yi-*novelCoronavirus*, iSebe leMfundo leNtshona Koloni lijongisise imigaqo yokuqeshwa kootitshala ababambeleyo kumaziko emfundo (izikolo).

3. Amaziko aya kukulungela ukuqesha utitshala obambeleyo ngosuku lokuqala (1) lokungabikho kukatitshala oqeshwe kwiziko kwisithuba esihlawulelwayo esikwinani lezithuba ezabelwe iziko elikhankanyiweyo xa:

   a) **umqeshwa efunyaniswe osulelekile kwaye elaliswe esibhedlele**;
   b) **umqeshwa evalelwe kwindawo eyodwa bucala (*quarantine*) ukwenzela ukuqwalaselelwa iimpawu zosuleleko**; naxa
   c) **umqeshwa ehlaliswe yedwa ( *placed in isolation*) kuba esulelekile.**

4. Isicelo somsebenzi sengqesho yokubambela kufuneka siquke nobungqina obuxhasa ukuba ukungabikho kukatitshala kunxulumene ne-*COVID*-19.

5. Lo mqathango uqulethwe yile ngcaciso imfutshane ulungiselelwe iimeko ezinxulumene ne-*COVID*-19 kuphela yaye uya kuphela ngomhla ekupheliswa ngawo imeko yentlekele kazwelonke.

6. Imiqathango emiselwe kwiNgcaciso eMfutshane yokuGaya nokuKhetha aBasebenzi 0002/2016 ihlala isebenza (emva kweentsuku eziyi-15) ukwenzela ukuqeshwa

kwabasebenzi ababambeleyo nakwezinye iimeko ezingezizo ezinxulumene ne-*COVID*-19.

7. Ukungeniswa kwezicelo zengqesho zabasebenzi ababambeleyo ngokwalo mqathango, makulandele inkqubo emiselweyo efanayo, njengoko icacisiwe kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuGaya noKhetha aBasebenzi 0002/2016 (o.k.t. ngokuqala kugqithwe kwiCandelo lokuGaya nokuKhetha aBasebenzi).

8. Kucelwa niqinisekise ukuba le ngcaciso yaziswa bonke abathathi-nxaxheba.

**ISAYINWE:** NGU-LJ ELY
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE: WEENKONZO ZEZIKO**
**UMHLA:** 2020-06-03